# Uluhlu lokujonga lwaBaququzeleli beNkqubo yokuLungisela kwaye uQiniseke ekuFundeni nasekuBhaleni (RSRW)

Uluhlu lokujonga luya kukunceda apho wenze inkqubela khona uqaphele neenkalo eziya kufuna ingqwalaselo engaphaya kwixesha elizayo. Siyathemba ukuba luya kuba yindlela eluncedo yokuqinisekisa ukuba inkqubo yakho isebenza ngempumelelo na. Siyathemba ukuba kuya kuthatha ixesha ukwenza isayithi esebenza ngokupheleleyo kwaye kuya kusoloko kukho izinto ezisafuna ukusetyenzwa.

Kucelwa ukuba ufunde imiyalelo elapha emalunga nendlela yokuzalisa uluhlu lokujonga. *[Kucelwa ukuba unyaniseke ukwenzela ukuba ube nako ukulandelela inkqubela yakho]*

- Beka uX kwibhokisi enye kumgca ngamnye. Khetha ibhokisi ocinga ukuba inyanisekile kuwe.
- Emva koko bhala phantsi amagqabantshintshi uchaze indlela obunokuphucula ngayo kwizinto ezingekenziwa nakwezo zisafuna ukusetyenzwa.

| Inkalo yophuhliso | Hayi / ayenziwanga | Ifuna ukusetyenzwa | Yenzeka ngokuthe mbo | Injongo ifikelelwe | Iindlela zokuphucula oku |
|---|---|---|---|---|---|
| **1. Inkxaso esuka kwisikolo** | | | | | |
| INqununu, iiHoD, ootitshala bokuXhasa ukuFunda kunye nabeSigaba seSiseko baya kwiseshoni yokwazisa yeDVD. | | | | | |
| INqununu iyayixhasa iNkqubo yokuQala ngokuQinisekileyo ukuFunda nokuBhala yabafundi kwaye isoloko ibulela abaqeqeshi ngokwenza umsebenzi wabo. | | | | | |
| Abaqeqeshi babahloniphile ootitshala nootitshala bayayixhasa le nkqubo. | | | | | |
| **2. Izinto ngokubanzi** | | | | | |
| Abaqeqeshi banobubele, banika inkxaso kwaye bayakhuthaza kwindlela abasebenza ngayo nabantwana. | | | | | |
| **3. Inkxaso efunyanwa ngabaqeqeshi** | | | | | |
| UMququzeleli uncoma akhuthaze kwaye adlulise ingxelo encomayo esuka kootitshala. | | | | | |
| UMququzeleli unika ixesha abaqeqeshi ukuba baxoxe ngenkqubela yabantwana babo kwaye babelane nangamava. | | | | | |
| UMququzeleli uzinika ixesha lokucebisa ngamava kwaye ancede abaqeqeshi xa beqhuba izifundo zabo | | | | | |
| UMququzeleli umemela abaqeqeshi kucweyo lokuhlaziya ulwazi kwaye uchitha imizuzu eyi-15 phambi kokuba kuqale ezinye izifundo ebonakalisa indlela yokusebenzisa imidlalo emitsha enxulumene nokufunda. | | | | | |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **4. Indawo yendibano kunye nezixhobo zokufundisa** | | | | | |
| Abaqeqeshi banendawo efanelekileyo yokusebenzela. | | | | | |
| UMququzeleli ujonga izinto zokubhala azitshintshe afake ezinye xa kuyimfuneko. | | | | | |
| UMququzeleli uqinisekisa ukuba imidlalo ekwabelwana ngayo igcinwe ngokunqatyisiweyo kwaye iyasetyenziswa. | | | | | |
| Abaqeqeshi babuyisela iikiti zabo xa beyeka kule nkqubo. | | | | | |
| **5. Ukuhlolwa nokukhethwa kwabantwana** | | | | | |
| Abantwana abakwinkqubo sele behlolwe bonke kwaye iziphumo zoko sekuxoxiwe ngazo. | | | | | |
| Iimvavanyo zincanyathiselwa ngemva kwiincwadi zabantwana. | | | | | |
| Iziphumo zezi mvavanyo ziyarekhodwa zithunyelwe kwa*Wordworks* ngoFebruwari, Juni noNovemba. | | | | | |
| UMququzeleli uqinisekisa ukuba inkqubela-phambili yabantwana ibekwa esweni badityaniswe ngababini ngokufanelekileyo. | | | | | |
| Ukugcinwa kweemfihlelo kuyahlonitshwa neetyhutha azixoxi ngabantwana ngaphandle kwinkqubo le. | | | | | |
| **6. Amacandelo esifundo: Ukuthetha** | | | | | |
| Abaqeqeshi bachitha ixesha bethetha ngencwadi, bekhuthaza nabantwana ukuba babelane ngamava abo. | | | | | |
| Apho kufanelekileyo, abaqeqeshi basebenzisa iimpahla zeqonga okanye badlale bulinganisa ukwenza ulwimi lwasencwadini luphile. | | | | | |
| Abaqeqeshi babonakalisa ukuthakazelela naliphi igalelo elenziwa ngabantwana ngolwimi lwabo lweenkobe. | | | | | |
| **7. Amacandelo esifundo: Ukufunda** | | | | | |
| Abaqeqeshi bakhetha incwadi ekwinqanaba elichanekileyo. | | | | | |
| Abaqeqeshi banika abantwana ixesha lokuzama ukuphimisela izandi okanye basebenzise imifanekiso ukuqikelela intsingiselo yamagama. | | | | | |
| Ukuba abantwana bayaxinga ekuqondeni igama elithile, abaqeqeshi bayabanceda ekuphimiseleni okanye basebenzisa izikhokelo ukuqikelela okuthethwa sisandi. | | | | | |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **8. Amacandelo esifundo: Ukubhala nokuzoba** | | | | | |
| Abaqeqeshi benza umsebenzi wokubhala onentsingiselo nonxulumene nebali (abazenzi izintlu zamagama). | | | | | |
| Abaqeqeshi banceda abantwana ekuqhwabeni/ekubaleni amazwi eminweni yabo baze bazobe imigca phambi kokuba babhale. | | | | | |
| Iimpazamo zilungiswa ngendlela enovelwano neluncedo. | | | | | |
| Abaqeqeshi bakhuthaza ukuba abantwana mabazame ukubhala. Abantwana bayanconywa ngokuzama ukubhala amagama amatsha. | | | | | |
| **9. Amacandelo esifundo: Imidlalo** | | | | | |
| Kusetyenziswa imidlalo eyahlukeneyo. | | | | | |
| Imidlalo ikwinqanaba elifanelekileyo labantwana. | | | | | |
| Imidlalo idlalwa kulandelwa imiyalelo. | | | | | |
| **10. Ezolawulo** | | | | | |
| Abaqeqeshi bafika kwangethuba kwaye ziza ngazo zonke iiveki kangangoko zinako. | | | | | |
| Abaqeqeshi bagcina iikiti zazo zicwangcisiwe kwaye zicocekile. | | | | | |
| Abaqeqeshi bacwangcisa izifundo baze bakhethe incwadi entsha kwiveki phambi kwesifundo. | | | | | |
| Uluhlu loqhagamshelwano oluneenkcukacha zabaqeqeshi luhlaziywa rhoqo. | | | | | |
| Abaqeqeshi basayina  isivumelwano sokuzinikela . | | | | | |
| Abaqeqeshi bazalisa irejista yokubakho kwindibano ekupheleni kweseshoni nganye. | | | | | |
| Abaqeqeshi bagcina iikhabhathi neemathiriyeli zicocekile. | | | | | |
| ABaququzeleli bazisa abaqeqeshi xa kukho utshintsho kwikhalenda yesikolo. | | | | | |